



UKUTHENGA OKANYE UKUTHENGISA INDLU

WLOKHO OKUDINGEKA UKWAZI



LAW SOCIETY
OF SOUTH AFRICA



BLACK LAWYERS
ASSOCIATION



CAPE LAW SOCIETY



National Association
of Democratic Lawyers



THE LAW SOCIETY
OF THE
NORTHERN PROVINCES
DIE PROKUREURSOORDE
VAN DIE NOORDELIKE PROVINSIES

IGQWETHA LAKHO – UMCEBISI WAKHO ONOKUMTHEMBA

UKUTHENGA INDLU

Mhlawumbi ukuthenga umzi lolona tyalo-mali lukhulu nolona lubalulekileyo uya kuze ulwenzé.

Xa uyifumana indlu ofuna ukuyithenga yaye ngaphambi kokuba usayine nasiphi na isivumelwano sokuthenga (ekudla ngokubhekiselwa kuso maxa wambi ngokuthi 'yiOffer to Purchase'), landela la manyathelo alandelayo:

- Yihlolisele indlu leyo. Buza ngophahlala, iigatha, iintambo zombane, isiseko njalo njalo. Ukuba unamatandabuzo, cela ingcali ukuba ikuholole indlu leyo. Ukuba kukho amakhwiniba, bhala kwisivumelwano sokuthenga ukuba ziza kulungiswa ngumthengisi ngemali yakhe.
- Ngaphambi kokutyobelwa isivumelwano sokuthenga, nika igqwetha lakho olu xwebhu ukuze liluhlole. Buza ngayo nantoni na engacacanga.
- Buza ngazo naziphi na iindleko ezongezelelekileyo, njengentlawulo yeenkonzo neendleko zokuyidulilisela komnye umntu – igqwetha lakho liya kukuphendula. Onke amalungiselelo nezithembiso ziyingxalenyenye yekontrakti ebhaliweyo. Akunakubophelela mntu ngesivumelwano somlomo. Uxwebhu olusayinwe nguwe lwaza lwamkelwa ngumthengi lunokuba sisivumelwano esibophelelayo.
- Qiniseka ukuba unemali eyaneleyo. Ukuba ufuna inkxasomali (bond) funa imali eza kugubungela iindleko okanye ukuholowa kwendlu nokubhaliswa kwayo – igqwetha lakho liya kukuxelela ngale nto.
- Ukuba akujinisekanya enoba uya kuyifumana imali ebolekisayo ukuze uhlawulele indlu okanye ezinye iindleko, ukuthenga kwakho indlu makulinde imali-mboleko.
- Qinisekisa ukuba isivumelwano sokuthenga senza ukuba kube lula ukufumana isatifikethi esisebenzayo ngeendleko zomthengisi kumaphondo aseKapa nakwaZulu-Natal, kwakanye nesatifiketi sokuvumelana (certificate of compliance) ngenxa yokufakelwa kombane kuwo onke amaphondo.
- Ngaba umthengisi ufuna idipozithi kwimali athengisa ngayo indlu? Ukuba kunjalo, lungiselela ukuba intlawulo igciniswe naliphi na igqwetha yaye igcinwe ikhuselekile kwiakhawunti yokonga imali de indlu ibe segameni lakho. Ngesivumelwano

senu nobabini, igqwetha linokuyityala le mali ukuba nje, ingeniso efumaneke apho iza kungena kwiakhawunti yakho.

- Phawula umhla wokungena kwisivumelwano sokuthengisela. Ukuba nje unokungena endlwini ngaphambi kokuba Indlu ibe segameni lakho, kuya kulindeleka ukuba uhlawule irente. Qiniseka ngomntu omelie ahlawule irhafu, iindleko, neemali zeinshorensi ngeli xesha. Ukuba ukuthengiswa kwendlu kuye kwasilela emva kokuba ungenile kuyo, kuya kufuneka ngokuzenzelelalo uphinde uphume uphinde uhlawule ezinye iindleko yaye uphazamiseke.
- Ukuba umthengisi ufuna ukukhupha nantoni na njengezityalo, likhabhathi njalo njalo, oku kufanele kubhalwe kucace kwikontrakti. Naziphi na izinto ezinokusuka lula (njengekhetini, iqula njalo njalo) nazo zimele zichazwe.

UKUTHENGISA INDLU

Ukuba uceba ukuthengisa indlu yakho, musa ukulahlekelwa yimali oyenze ngolu tyalo-mali, ngokuthi ungabi nalwazi ngemiba yomthetho ebandalenkanyekileyo.

Landela la manyathelo:

- Gcina indlu yakho neyadi zicoekile ukuze zitsale abo baza kufuna ukuzithenga.
- Thetha negqwetha lakho ngokuphathelele amalungelo neembopheleleko zakho. Njengomthengisi, unelungelo lokuzikhethela igqwetha eliza kukuncedisa ekuthengiseni. Musa ukuvumela inkampani ethengisa izindlu ukuba ikuxelela enye into.
- Qhagamshelana nenkampani ethengisa izindlu ibe nye nangaphezulu, uze ubhalise indlu yakho. Musa ukunika inkampani ethengisa izindlu ilungelo elipheleleyo ngaphandle kokuyihlola ngokucokisekileyo. Igqwetha lakho liya kukucebisa kulo mba.
- Xa ufumana umthengi, ungasayini nasiphi na sivumelwano sokuthengisela ngaphambi kokuba igqwetha lakho lisihlolise. Onke amalungiselelo nezithembiso amele abhalwe phantsi kwikontrakti. Izivumelwano zomlomo azinakubophelela mntu.



UKUTHENGA OKANYE UKUTHENGISA INDLU

WLOKHO OKUDINGEKA UKWAZI

- Ngaphambi kokuba usayne, fumanisa ukuba ingakanani ingeniso (commission) eya kwinkampani ethengisa izindlu nokuba iVAT iqukiwe na.
- Nika ummeli wenkampani yezindlu igama legqwetha lakho - igqwetha lakho liya kujongana nemiba yomthetho lize liqinisekise ukuba indlu idluliselwa kulowo uyithengayo. Kanti uya kulungiselela imiba yemali aze aqiniseke ukuba uyafumana imali yakho.

Nalu uludwe lweermfunko ezibalekileyo ezifanele zifikelelwé kwisivumelwano sokuthengiselana. Noko ke, olu ludwe aluphelelanga, kuba nayiphi intengiselwano ineemfunko zayo. Ukuba ungathanda ukwenjenjalo, igqwetha lakho liya kukwenzela isivumelwano sokuthengiselana.

- Amagama akho, iinombolo zelD, nokuba utshatile kusini na (ngokomzekelo utshate njani, nidibaniselenne ngezinto) okanye ingakanani (ukuba ziinkampani), kwakunye neadresi yomthengi neyomthengisi.
- Inkcachelo nobungakanani bendawo, njengoko ichazwe kwisivumelwano sokudluliselwa.
- Ixabiso lendawo nendlela ekuza kuhalawula ngayo.
- Ilungiselelo lokuba umthengi uhlawula zonke iindleko zokudluliselwa kwendlu.
- Igama legqwetha lakho eliduliselwa indlu
- Umhla wokufumana indlu nokuhlala kuyo.
- Ilungiselelo lokuba umthengi uhlawula zonke iirhafu nezinye iindleko zikamasipala ukususela mhla wangena endlwini.
- Ilungiselelo lokuba indlu ithengiswa 'ngobunjalo bayo' (ngamanyi amazwi awunakubekwa tyala ngeziphako eziponakalayo okanye ezingabonakaliyo).
- Ingeniso efunekayo (commission) negama lenkampani ethengisa izindlu.
- Ukuba umhla wokungena endlwini ungaphambi komhla wokudluliselwa, qiniseka ukuba umthengi uhlawula inzala yemali yentengo okanye eyerente de ibe ngumhla wokudluliselwa. Imali nendlela eza kuhalawula ngayo imele ichazwe.

- Isibakala sokuba isivumelwano sokuthenga asinakutshintsha, siya kuba njalo ngaphandle kokuba sibhalwe phantsi saza sasayinwa ngala macala omabini.
- Enoba isatifiketi esisebenzayo sinokufumaneka (kumaphondo aseKapa naKwaZulu-Natal) yaye ukuba kunjalo ngubani ofanele ahlawulele ukuhlolwa okanye nawuphi na umsebenzi oyimfuneko.
- Nayiphi na imeko ekhethekileyo, ngokomzekelo:
 - Uludwe lwavo nawaphi na amasolotya akhutshiweyo kwintengiselwano.
 - Enoba le ndlu iza kuthengwa ngokuthi umthengi afumane imali-mboleko (bond) okanye athengise umzi ahlala kuwo. Igqwetha lakho liya kukecibisa kwezi meko.
 - Isivumelwano esikhethekileyo simele sibhalwe ukuba umthengi ufuna ukuyihlawula ixesa elandisiweyo. Lo mba uthande ukuba ntununtunu yaye unazo neengozzi ezithile yaye ubongozwa ngokungqongqo ukuba uvumele igqwetha lakho likwenzele isivumelwano

AMAGQABANTSHINTSHI

'Ukudluliselwa itayitile' kuyinkubo yomthetho aphi amalungelo endlu ebhaliswa kwiOfisi Yezivumelwano. La malungelo aquka ubunini, ukubambisa ngendlu, ukusebenza kanganethuba elitungelo ezimbwa namanye. Onke la malungelo athe zinzi ngokusemthethweni emntwini kuphela xa sele kubhalisiwe. Noko ke, inkubo yokubhalisa iilawytina ngokusemthethweni amalungelo omuntu endawo yokuhlala.

Ukudluliselwa itayitile kuukuka amanyathelo amaninzi, aqala ngesivumelwano sokuthengiselana ahamba aye kutsho ekubhaliseni ekugqibeleni ubunini nokungqinelaniswa kwezimali nentlawulo.

'Indawo eqingqiweyo' ibhekisela kuwo nawuphi na umhlabo enoba Wakhwe okanye awukakhiwa ngokomzekelo kubekwe indlu, ifama Okanye isakhiwa esinetaitile.

"Odluliselwa itayitile": Umuntu odluliselwa itayitile umiselwa yiNkundla Ephakamileyo emva kokuba eqgibe ukubala iimviwo ezikhethekileyo. Kuphela ngumntu oye wamiselwa yiNkundla Ephakamileyo njenegqewetha, onelungelo lokudluliselwa itayitile. Ngoko ke, bonke abo badluliselwa itayitile bakwangamaggwetha, kodwa asingawo onke amagqwetha adluliselwa itayitile.



UKUTHENGA OKANYE UKUTHENGISA INDLU

W L O K H O O K U D I N G E K A U K W A Z I

Nguba okhetha umntu oza kudluliselwa itayitile? Kuninzi Iwamaphondo eMzantsi Afrika, ngumthengisi odla ngokukhetha umntu oza kudluliselwa itayitile yendawo, nangona oku, kanye njengezinye iintlobo zezivumelwano zentengiselwano zinokwahluka ngenxa yothethathethwano lwabo bathengiselana.

Umthengi unokukhetha umntu oza kudluliselwa itayitile ukuze amcebise, kodwa iindleko ziya kuthi kratya kwezo zokudluliselwa itayitile zifakwe ngumcebisi womthengisi, oya kudluliselwa itayitile.

Kutheni efune ka umntu wokudluliselwa itayitile?
Kuninzi okubandakanyekileyo xa kudluliselwa indawo eqingqiweyo. Ngokufheleklekileyo iba yeysa nto inkulu umntu anayo yaye ukuthengwa kwendlu kuyeyona kontrakti ibalulekileyo yenziwa ngabantu. Ngoko ke, umthetho uvumela kuphela abadluliselwa itayitile abafanelekayo abanokudluliselwa izindlu okanye izinto ezifana nezo.

Oku akwenzelwa nje kuphela ukukhusela amalungelo abantu, kodwa kukhusela nenkubo yoMzantsi Afrika yokubhaliswia komhlabo, egqalwa emhlabeni wonke njengetyona isemaggabini.

Xa sele kuhlolwe yonke into, zonke iinkubo zilandelwe ngulowo udluliselwa itayitile nendlu ibhaliswe ngegama lomthengi, umthengi unokuqiniseka ukuba umeyona tayitile ifanelekileyo yalo o ndlu.

Unokwenza ntoni ukuba lowo udluliselwa itayitile akawenzi umsebenzi wakhe?

Abo badluliselwa itayitile banokohlwaya ngamaggwetha ephondo abasebenza kulo. Amagqwetha aya kukhusela abantu. Ukuba umntu ucinga ukuba umntu odluliselwa itayitile akawenzanga umsebenzi wakhe kakuhle, unokufaka isikhala zo kumagqwetha afanelekileyo yaye loo magqwetha aya kuwuphanda lo mba, yaye kwiimeko ezizizo uya kohlwya lowo udluliselwa itayitile. Ukuba uye akakhathala waza ngenxa yoko, umthengi okanye umthengisi walahlekelwa, banokufaka isimangalo base bamidle iindleko zalooh lahleko lowo udluliselwa itayitile.



LAW SOCIETY
OF SOUTH AFRICA

Tel: (+27) 12 366 8800
Fax: (+27) 12 362 0969
www.lssa.org.za

P O Box 36626
Menlo Park 0102
Docex 82, Pretoria
304 Brooks Street
Menlo Park, Pretoria 0081